Isalathiso: 20181106-8281
Inombolo yefayili: 12/2/11/5/2
Imibuzo: KwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiMfundo eBandakanya bonke aBafundi nakwiMfundo eneeMfuno ezizodwa nakuBaququzeleli boVavanyo neeMviwo

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loVavanyo: 0001/2019

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiMfundo eneeMfuno eziZodwa, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNgcali zeMfundo ezineQhuzu nakwiiNqununu

Isihloko: Ukufakelwa kwezilungiso kwisikhokelo esingolawulo lweminyinyiva/lokuxolelwa kwiimvavanyo *(assessment accommodations/concessions*) ukulungiselela abafundi abanezithintelo ekufundeni nakuvavanyo bamaBakala R–12 nesabafundi abacela ukuqwalaselwa njengabemi bamanye amazwe ukwenzela iinjongo zovavanyo: kumaBakala 4–12

1. Le ngcaciso imfutshane mayifundwe kunye neSetyhula 0017/2016 engoLawulo lweminyinyiva yovavanyo kubafundi abanezithintelo ekufundeni nakuvavanyo bamaBakala R–12 nesabafundi abacela ukuqwalaselwa njengabemi bamanye amazwe ukwenzela iinjongo zovavanyo bamaBakala 4-12 yomhla we-19 Apreli 2016 neNgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loVavanyo 0005/2017, yomhla we-16 Matshi 2017, eyabonelela ngesikhokelo esongezelelweyo.

2. **Phambi kokufakwa kwesicelo seminyinyiva/sokuxolelwa kwiimvavanyo**

2.1 Ootitshala mababahlole bonke abafundi yaye baqinisekise ukuba iprofayili yomfundi iyafumaneka yaye ihlaziyiwe. Iprofayili yomfundi yirekhodi eqhubeka okoko yengcaciso enika uluvo olupheleleyo ngomfundi nangendlela aqhuba napasa ngayo umfundi. Imele ukugcinwa esikolweni ize isuswe ukusiwa kwesinye isikolo esilandelayo xa umfundi esiya kwisikolo esitsha.

2.2 Iimvavanyo zokunika ulwazi (*formative assessments*)) ezibandakanya iimvavanyo eziqhubekela ezikolweni (*school-based assessment*) okanye uvavanyo olungamiselwanga (*informal assessment*) malusetyenziswe ngokuqhubekekayo ukuqokelela ingcaciso engokuphumelela komfundi [izakhono zabo, izinto anako ukuzenza ncam nezo angenako ukuzenza ncam] ukuphucula ukufundisa nokufunda.

2.3 Ukulungelelaniswa kweenkqubo zekharityhulam nezakhono zabafundi makwenziwe ngokumalunga nenqanaba lekhontenti, iindlela zokufundisa (*teaching methodologies*), imeko engqonge uvavanyo nokufunda.

2.4 Umgaqo-nkqubo i-S*creening, Identification, Assessment and Support (SIAS),* neNgcaciso eMfutshane yeCandelo loKunika iNkxaso kwiMfundo eBandakanya Bonke aBafundi nakwiMfundo eneeMfuno eziZodwa 0001/2016, yomhla we-23 Matshi 2016, unika isikhokelo sabafundi abafuna inkxaso eyongezelelweyo.

2.5 Ukuba ukuhlolwa (*screening*) kwabafundi kwasekuqaleni ngutitshala kunesiphumo sokuba umfundi ufunyaniswe engumfundi osemngciphekweni, utitshala makazalise iFom i- *Support Needs Assessment Form 1 (SNA1*.)

2.6 Ukuba izicwangciso zokunika inkxaso umfundi aziphumeleli, utitshala makacele inkxaso kwikomiti enika inkxaso esesikolweni (*SBST*).

2.7 I-SBST izalisa i-*Support Needs Assessment Form 2 (SNA*2) kubafundi abangazuzanga ngokwaneleyo kwisicwangciso esinika inkxaso esikolweni ukucela inkxaso eyongezelelweyo kwikomiti yesithili enika inkxaso (district-based support team (*DBST)*).

2.8 Ikomiti i-*DBST* iya kunika iingcebiso ngokumalunga nayo nayiphi na iminyinyiva okanye ukuxolelwa, izicwangciso ezongezelelweyo, iiprogram, iinkonzo nezibonelelo eziya komeleza isicwangciso senkxaso sesikolo i-s*chool-based support plan*.

2.9 Kucetyiswa ukuba umfundi avunywe ngokuhlolwa kwezakhono ezithile kwizifundo ezithile ukulungiselela iminyinyiva kuvavanyo (*assessment accommodation placement*) kangangethuba elilingwayo ukuqinisekisa ukuba iminyinyiva ecetywayo imlungele ngokwenene umfundi. Ikomiti i-*SBST* imele ukubhala phantsi ifuthe loku kuvavanyo ukuqinisekisa ukuba ngaba isicelo somnyinyiva wovavanyo sinokwenziwa kwiCEMIS. Mayifumaneke ingxelo kumagosa ezithili yaye mayifakwe kwifayili yomfundi.

2.10 Injongo yomnyinyiva kuvavanyo kukwenza ukuba abaviwa abanezithintelo ekufundeni babonise izakhono zabo zokwenyani kwiimvavanyo zingatshintshwangwa apha naphaya iimvavanyo. **IsiHlomelo A** sinika isikhokelo esingaphezulu esilungelelanisa iinkqubo zekharityhulam nezakhono zabafundi okanye iminyinyiva kuvavanyo.

2.11 Iminyinyiva kwiimvavanyo inokusebenza kuphela yakuba ileta yokuvunywa kwayo ifunyenwe *kwiCEMIS*.

2.12 Isicelo sokuxolelwa kuLwimi (*Language exemption*), kwiMathematika okanye iSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (*NSC)* esi-endosiweyo masifakwe kwi-*CEMIS* ngokungeniswa kwamaxwebhu ayimfuneko.

3. **Iminyinyiva kubafundi abacela ukuba baqwalaselwe njengabafundi bamanye amazwe ukwenzela iinjongo zovavanyo**

3.1 Kufuneka la maxwebhu alandelayo kumfundi omakavunywe njengomfundi welinye ilizwe ngenjongo zovavanyo:

3.1.1 Amaxwebhu asemthethweni afanelekileyo, ipasipothi njl.njl., akhutshwa liSebe leMicimbi yeKhaya (*Department of Home Affairs*).

3.1.2 Amaxwebhu asemthethweni afanelekileyo akhutshwe sisikolo apho umfundi angene kwinkqubo yesikolo yaseMzantsi Afrika okokuqala ngqa.

3.1.3 Iphemithi yokufunda

3.2 Abaququzeleli bovavanyo baya kuzivuma izicelo zamaBakala 1–9 yaye banike iingcebiso ngamaBakala 10–12. Ukuvunywa kokugqibela kwezamaBakala 10-12, kuya kwenziwa liCandelo loLawulo leeMviwo.

3.3 Umnyinyiva wovavanyo kuLwimi unokusetyenziswa kuphela yakuba ileta yokuvunywa kwawo ifunyenwe ngokuqala kugqithwe kwi*CEMIS*.

4. Ukuvunywa kwezicelo zomnyinyiva kwiimvavanyo

4.1 **Ikomiti yeMinyinyiva kwiiMvavanyo yeSithili (*District Assessment Accommodations Committee (DAAC*)):**

4.1.1 Ikomiti i-*DAAC* iya kujongisisa zonke izicelo, ize ivume ezamaBakala 1–9 yaye inike iingcebiso ngezamaBakala 10–12.

4.1.2 Ixesha elingumndilili lokusingathwa kwesicelo ziveki eziyi-12 emva kokufunyanwa kwaso sisithili.

4.2 **IKomiti yeMinyinyiva kwiiMvavanyo yePhondo (*Provincial Assessment Accommodations Committee (PAAC*)):**

4.2.1 Ikomiti i-*PAAC* iya kuzivuma izicelo zamaBakala 10–12.

4.2.2 Zonke izicelo zeminyinyiva kwiimvavanyo mazirekhodwe kwi-*CEMIS* engaphelanga u-Oktobha kunyaka womfundi weBakala 11. **Akukho zicelo zitsha zeminyinyiva/zokuxolelwa kwiimvavanyo ziya kwamkelwa kwiBakala 12 ngo-2020.**

4.3 Wakuba uvunyiwe umnyinyiva okanye ukuxolelwa kwiimvavanyo, inqununu mayiqinisekise ukuba umnyinyiva kwiimvavanyo uphunyezwa ngokungatshintsha-tshintshiyo ngethuba leemvavanyo neemviwo ezimiselweyo.

5. **Izicelo ezifuna ezinye iifomathi (*alternate formats*) zeminyinyiva, ikhontenti elungelelaniswe nezakhono zabafundi *(differentiated content*)**

5.1 Izicelo zamaphepha atshintshwe apha naphaya needivayisi ezincedisa abafundi (*assistive devices*) (umzekelo ibreyili, ifonti enkulu, ii-*audio tapes*) kubafundi abaneemfuno ezizodwa, mazenziwe ngokwemigaqo kwi*CEMIS* engadlulanga **u-Oktobha kunyaka weBakala 10 womfundi**.

5.2 Ukubhalwa/ukuprintwa ngebreyili kwamaxwebhu namaphepha emibuzo oviwo, kuya kusingathwa sisikolo kumabakala angaphantsi kweBakala 12 naliSebe leMfundo esiSiseko (ISebe iDBE) kwimeko yeBakala 12. Izikolo ke ngoko mazizingqinisise zonke izicelo zokutshintshwa apha naphaya kwamaphepha emibuzo ingaphelanga ikota 1 kwiBakala 12. Oku kubandakanya zonke izikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa/onke amaziko angoovimba bezibonelelo.

6. Ziyacelwa iinqununu zazise ngokuqulethwe yile ngcaciso imfutshane kubo bonke ootitshala nabazali abachaphazelakayo ukuqinisekisa ukuba bonke abathathi-nxaxheba bayaziswa ngenkxaso efumanekayo kubafundi ngokumalunga neminyinyiva/nokuxolelwa kwiimvavanyo.

ISAYINWE: NGU-PAD BEETS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO
UMHLA: 2019-01-28

ISIKHOKELO ESINGAPHEZULU ESINGOKULUNGELELANISWA KWENKQUBO YOKUFUNDISA NEZAKHONO ZABAFUNDI NEEMINYINYIVA/NOKUXOLELWA KWIIMVAVANYO

1. Ixesha elongezelelweyo liya kuvunywa ngolu hlobo lulandelayo:

UKHUBAZEKO	IXESHA ELONGEZELELWEYO ELINGAPHEZULU	ISIZATHU
Ukhubazeko emzimbeni/umenzakalo ophinda-phindayo	Imizuzu emihlanu ukuya kwelishumi ngeyure ngeyure	Yokulungiselela isantya esicothayo sokubhala
Ukukhubazela ekufundeni	Imizuzu emihlanu ukuya kwelishumi ngeyure ngeyure	Yokujonga/ yokucwangcisa / yokubhala/ yokujonga iimpendulo
Iintlungu ezinganyangekiyo	Imizuzu eyi-15 ukuya kwiyure	Yokuma kunye nokuhamba-hamba
Ukungaboni kakuhle (*Visual impairment*)	Ixesha eliphindwe kabini	Abafundi abazimfama
	Ixesha elipheleleyo nehafu yalo	Abafundi ababona kancinci
Ingxaki yokungeva	Imizuzu eyi-20 ngeyure	Yokujonga/yokucwangcisa /yokubhala/yokutshekisha iimpendulo
Nakuphi na okunye ukukhubazeka okungachazwanga kolu luhlu lungentla	Kunokusebenzisa le ndlela yokwabiwa kwexesha ichazwe apha ngentla nelingadlulanga kwimizuzu eyi-20 ngeyure.	

2. Ukusetyenziswa komntu njengenkxaso eyongezelelweyo ngethuba lovavanyo

2.1 Ukusetyenziswa komntu ofundela umfundi

2.1.1 Umntu ofundela umfundi zonke iitheksti kwiphepha loviwo.

2.1.2 Abaviwa abanezakhono zokufunda ezikumgangatho ophantsi nezibangela ingxaki nokulahlekelwa lixesha, banokusebenzisa umntu ofundela umfundi.

2.1.3 Umfundi unokucela iinxenye zetheksti ukuba ziphinde zifundwe.

2.1.4 Umntu ofundela umfundi umele ukuba ngutishala onamabanga emfundo yobutitshala, kodwa akuyomfuneko ukuba abe ngoweziko elinye yaye

makathathwe kwigqiza labantu abafundela abafundi abaziwayo nabaqeqeshiweyo liSebe leMfundo leNtshona Koloni (*WCED*).

2.1.5 Umntu ofundela umfundi uhlala ephakathi nje yaye engakheth' icala yaye xa efunda iphepha lemibuzo.

2.1.6 Umntu ofundela umfundi unako ukufundela umviwa omnye okanye abangaphezulu itheksti ngaxeshanye. Umntu ofundela umfundi kunye nomviwa babanalo kubo iphepha lemibuzo.

2.1.7 Kufuneka igumbi/indawo eyahlukeneyo kulo mnyinyiva wovavanyo.

2.1.8 Ikhefu lokuphumla alinakugqitha kwimizuzu eyi-20 emva kweeyure ezimbini linokuthathelwa ingqalelo nekhefu lemizuzu elishumi qho ngeyure kwiphepha leeyure ezimbini.

2.1.9 Iidivayisi zekhompyutha (*electronic devices*) zinokusetyenziselwa i-imeyili, u-intanethi okanye amaxwebhu yaye ii-aplikheyishini zimele ukwenziwa zingasebenzi.

2.2 Ukusetyenziswa komntu obhalela umfundi

2.2.1 Umntu obhalela umfundi ubhala amazwi akhe ngokuthe ngqo empendulo yomfundi (*verbatim the responses*) umfundi ayibizelayo ngomlomo okanye ngokusebenzisa umguquleli wolwimi lokusebenzisa izandla.

2.2.2 Oku kuya kwenzeka kwiimeko apha ukukwazi ukufunda komfundi/ukukwazi ukubhala komfundi kumthintela ekubeni anike inkcazo eyinyani ngolwazi lwakhe kunye/okanye ngobuchule okanye umfundi akanako ukubhala iphepha lemibuzo yoviwo ngenxa yobukhulu bokhubazeko.

2.2.3 Umntu obhalela umfundi umele ukuba ngutitshala, kodwa akumele ukuba abe ngolilungu elingumsebenzi weziko elichaphazelekayo, yaye engenakuba ngozalana nomfundi.

2.2.4 Kufuneka igumbi/indawo eyahlukeneyo kulo mnyinyiva wovavanyo.

2.2.5 Ikhefu lokuphumla elingagqithanga kwimizuzu eyi-20 emva kweeyure ezimbini linokuthathelwa ingqalelo nekhefu lemizuzu elishumi qho ngeyure kwiphepha leeyure ezimbini.

2.2.6 Kuphela ngabantu ababhalela abafundi abanesatifikethi seSebe iWCED abanokusetyenziswa ngethuba leemviwo zokuphela konyaka kwiBakala 12.

2.3 Ukusetyenziswa komntu oncedisa umfundi

2.3.1 Umfundi ofuna uncedo kuye kunye/okanye lokwenza okuthile ngethuba loviwo unokufuna umncedisi wakhe (*personal assistant)*

2.3.2 Umntu oncedisa umfundi unokucelwa ukuba anike uncedo ngemisebenzi eyenziwa ngezandla ngokwemiyalelo yomfundi umzekelo ukutyhila amaphepha, ukufaka idiski kwikhompyutha, ukumkhulula ibhatyi umfundi kwakunye nemisebenzi yokumkhathalela ngethuba lamakhefu okuphumla.

2.3.3 Umntu oncedisa umfundi unokuba uyamazi umfundi, kodwa abe akasifundisi eso sifundo.

2.3.4 Umntu oncedisa umfundi akamele ukuba axoxe ngayo nayiphi na imiba nomfundi ngethuba leseshoni yoviwo okanye eyoviwo ngaphandle kokuba oko kumalunga

nemfuno yomfundi yokuba akhathelelwe okanye ancedwe ngemisebenzi eyenziwa ngezandla.

2.3.5 Kufuneka igumbi/indawo eyahlukeneyo kulo mnyinyiva wovavanyo.

2.4 Ukusetyenziswa komkhuthazi *(prompter*)

2.4.1 Umsebenzi womkhuthazi kukubuyisa iingqondo zomfundi ophazamiseka lula. Oku kunokwenziwa kusetyenziswa iintetho okanye iintshukumo ezithile ezinika umqondiso othile.

2.4.2 Umkhuthazi makangaphazamisani neempendulo zoviwo zomfundi

2.4.3 Kufuneka igumbi/indawo eyahlukeneyo kulo mnyinyiva wovavanyo.

2.5 Ukusetyenziswa kweekhompyutha/kwe-*word processors* kwiimvavanyo ezingezizo eze-*IT*

2.5.1 Abafundi banokunikwa imvume yokusetyenziswa kwekhompyutha ukunika iimpendulo zabo zithayitshwe.

2.5.2 Ifomathi eqhelekileyo yamkelekile kodwa ikhompyutha mayingabinayo nayiphi na ingcaciso egciniweyo, yaye makungasetyenziswanga ziko ledatha

2.5.3 Umfundi akanakusebenzisa i-*software* eyi-*predictive text software*, eyokutshekisha igrama (*grammar check), e*ye-*spell check* okanye i-*thesaurus.*

2.5.4 Apho kukho ngaphezu komfundi omnye kwindawo ekusetyenziswa kuyo ikhompyutha, iikhompyutha azinakukhonekthwa enye kwenye okanye ku-intranethi okanye ku-intanethi (*intranet or internet*.)

2.5.5 Umsebenzi mawuprintwe ekupheleni kovavanyo yaye umfundi makaqinisekise ukuba ngumsebenzi wakhe ngokwenene.

2.5.6 Ukubanako ukuprinta ke ngoko kuyimfuneko

2.5.7 Kufuneka igumbi/indawo eyahlukeneyo kulo mnyinyiva wovavanyo.

2.6 Ikomiti i-*District Assessment Accommodations Committee (DAAC)* mayiqeqeshe yaye ikhethe igqiza labantu ababhalela nabafundela abafundi abanezithintelo okanye omnye umntu ofunelwa ukunceda abafundi ngethuba leemvavanyo neemviwo.